Isalathiso: 20210319-1764
Inombolo yefayili: 12/16/8/R
Imibuzo: GC de Bruyn

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*: 0002/2021

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zamaCandelwana namaCandelo (kwaNdlunkulu), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso yeKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeziFundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

Isihloko: Iikhosi zophuhliso lobuchule bootitshala neeWebhina eziya kwenziwa e*Cape Teaching and Leadership Institute* ngo-2021

1. KwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute* 0008/2020, yange-08 Disemba 2020, i-*Cape Teaching and Leadership Institute* (*CTLI*) yazise ukuba iya kuba isenza iikhosi zophuhliso lobuchule bootitshala ezivunywe yi-*SACE*, iinkomfa neesemina kwiinqununu, kumasekela nqununu, kwiintloko zamacandelo ezifundo nakootitshala, nokuba kungethuba leekota zezikolo okanye ngeeholide zezikolo.

2. Kuchaziwe kwakhona nokuba ngenxa yokungakwazi ukuqikelela isiphumo se*COVID-19* ngo-2021, kuphela ziikhosi zeKota 1 eziya kufumaneka yaye iya kuthunyelwa enye imbalelwano ukwazisa ngeekhosi ezifumanekayo zeKota yesi-2 neyesi-3.

3. Le ngcaciso imfutshane yazisa zonke izikolo nootitshala ngazo zonke iikhosi zophuhliso lootitshala zase*CTLI* kunye neeWebhina ezifumanekayo zeKota 2 neyesi-3 (isiHlomelo A.1).

4. Zonke iikhosi neeWebhina eziya kwenziwa yi*CTLI* kwiKota 2 neyesi-2 ziya kufumaneka kwiziko lewebhu lase*CTLI*: www.wcedctli.co.za ungadlulanga owe-29 Matshi 2021.

5. Ootitshala abanomdla wokuya kwezi khosi kufuneka babhalise ngokungena kwiziko lewebhu lase*CTLI* (indlela yokungena nenkqubo yokubhalisa icacisiwe kwisiHlomelo B).

6. Iikhosi zisenokwenziwa ngeendlela ezahlukeneyo yaye zinokuquka indibano yokubakho kootitshala nolunye udidi lwendibano eyindibanisela yeendidi nokusetyenziswa kwekhompyutha. Indlela esebenzayo ibhaliwe kwisiHlomelo A.1.

7. Kwimeko apho iikhosi ziza kwenziwa bekhona ootitshala, iSebe leMfundo leNtshona Koloni liya kuqesha ootitshala ababambeleyo ngethuba lokuqhubeka kweekhosi ezihanjwa ngootitshala e-*CTLI* ngethuba leekota zezikolo, ukuba ngaba:

- akukho titshala ungaphezu kwemfuneko oqeshwe sisikolo;
- utitshala lowo akangotitshala uhlawulwa libhunga lolawulo; kunye/okanye
- utitshala akasebenzi ngoku njengobambele omnye utitshala.

8. Ngumsebenzi oluxanduva lwesikolo ukufumana nokutyumba ibambela elifanelekileyo ukulungiselela utitshala oya kwikhosi.

9. Kuphela ngootitshala abayi-50 abaya kubhaliselwa ikhosi nganye eyenziwa ngethuba lekota yesikolo.

10. Ukufumana ingcaciso engaphezulu ngokumalunga nongenelelo ngoncedo kwiKota 2 neyesi-3 yango-2021 yase*CTLI*, kucelwa ungathandabuzi ukuqhagamshelana naba baququzeleli beprogram yase*CTLI* balandelayo:

Igama	**Ifoni.**	**Ifeksi.**	**I-imeyili**
Iikhosi neesemina ezingoLawulo lweSikolo noPhuhliso lobuNkokeli			
Jacqueline Titus	021900 5035	021900 5114	Jacqueline.Titus@westerncape.gov.za
Brandon Jantjies	021900 5029	021900 5114	Brandon.Jantjies@westerncape.gov.za
Iikhosi zeSigaba seSiseko neeWebhina zeeLwimi kunye neMathematika			
Magdalena Benn	021900 5016	086 6145151	Magdelena.Benn@westerncape.gov.za
Iikhosi zeSigaba esiPhakathi nesiPhakamileyo neeWebhina zeeLwimi kunye neMathematika			
Natasha Fouché	021900 5018	086 4436276	Natasha.Fouche@westerncape.gov.za
Iikhosi zeMfundo eBandakanya bonke aBafundi neeWebhina zeeLwimi kunye neziSombululo zeMathematika			
Liesl Robinson	021900 5020	021900 5013	Liesl.Robinson@westerncape.gov.za
Iinkqubo zokudityaniswa nongenelelo ngoncedo ze-*ICT*			
Christo Davids	021900 5021	086 7316833	Christo.Davids2@westerncape.gov.za

11. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-03-23